Isalathiso: 20170310-9031
11/2/4/1/2
Imibuzo: INtloko: yoLawulo noKuphatha (KwiZithili)

ISetyhula: 0017/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule (*SIGPM*); kuBaququzeleli be-*RCL* beZithili; kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente ezineBakala 8 nangaphezulu; kooSihlalo bamaBhunga oLawulo; kooTitshala abangamaGosa oQhagamshelwano nakooSihlalo/kooMongameli be-*RCL*

Isishwankathelo esifutshane: Le setyhula ichaza imigaqo engokusekwa kweeforam ze-RCL.

Isihloko: Ukwaziswa nokusetyenziswa komGaqo-sikhokelo we-*WCED* ongokuSekwa kweeForam zamaBhunga aBameli baBafundi (bee-*RCL*)

1. Le setyhula yazisa zonke izikolo zikarhulumente ezibhalisa abafundi ukususela kwiBakala 8 nangaphezulu ngeenjongo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (ze*WCED*) zokuseka iiforam okanye izitraktsha zamaBhunga aBameli baBafundi (ii-*RCL*) kuzo zosibhozo zizonke izithili zemfundo yaye yazisa ngomgaqo-sikhokelo we-*WCED* ongokuSekwa kweeForam zee-*RCL* (*WCED Framework for the Establishment of Forums for RCLs*).

2. Lo mgaqo-sikhokelo uqhotyoshelweyo wazisa zonke izikolo zikarhulumente ngeenkqubo nemigaqo yokusekwa kwanokusebenza kweeforam zee-*RCL*.

3. **Umgaqo-sikhokelo wezomthetho**

3.1 The South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)

3.2 The Education Laws Amendment Act, 2001 (Act 57 of 2001)

3.3 The Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

3.4 *The Determination of the Functions and Procedures for the Establishment and Election of Representative Council of Learners at Public Schools*, njengoko ipapashiweyo kwi-*Provincial Gazette Extraordinary* 7317 yowe-13 Oktobha 2014

4. ISiqendu 11 soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, ka-1997 (uMthetho 12 ka-1997), ubonelela ngokusekwa kweBhunga leMfundo leNtshona Koloni elinenjongo yokucebisa uMphathiswa wePhondo ne-*WCED* ngemiba yezemfundo kwiphondo. Eli bhunga lakhiwa ngabantu basekuhlaleni abanyuliweyo nabatyunjiweyo abandakanyeka kwicandelo lezemfundo. Umgaqo-siseko webhunga awuyivumeli intatho-nxaxheba yamalungu e-*RCL*.

5. I-*SASA* ibonelela ngentatho-nxaxheba enkulu yabafundi ekusebenzeni ngokwenkqubo yolawulo lwentando yesininzi yezikolo. Nasiphi isikolo sikarhulumente esibhalisa abafundi kwiBakala 8 nangaphezulu masimisele i-*RCL*. Oku kuchaza kwakhona imithetho-siseko (*principles*) yomgaqo-siseko ephambili yolawulo nentatho-nxaxheba ngentsebenziswano (*cooperative and participative governance*). I-*SASA* imisela ukuthatha inxaxheba kwabafundi ukuba banike inkonzo kwibhunga lolawulo kwanokuba banikwe ithuba ngokusemthethweni lokudlala indima kwezolawulo lwesikolo.

6. Akukho mthetho we-*SASA* okanye nawuphi na ongomnye uMthetho onika umgaqo-sikhokelo ngeeforam ze-*RCL*, nangona i-*RCL* ilibhunga elisemthethweni elivunyiweyo kumthetho i-*SASA*.

7. I-*WCED* ngoko ke ifuna ukubonelela ngeeforam apho amalungu e-*RCL* anganethuba lokuxoxa ngemiba ebadibanisayo kumanqanaba esithili nakwiphondo.

8. Lo mgaqo-nkqubo uqhotyoshelwe apha unenjongo yokunceda iisekethe/iiklasta kwanezithili ekwakheni ezi foram.

9. Lo mgaqo-nkqubo ubonisa indlela izitraktsha zesikolo, ezesekethe/ezeklasta, ezezithili nezephondo emazinyulwe ngayo ngenjongo yokuba zisingathe iimfuno zabafundi kwinqanaba ngalinye elithile.

10. Makuthotyelwe oko kukulo mgaqo-sikhokelo yaye kukhuthazwe ulawulo lwentando yesininzi nobulungisa ngawo onke amaxesha.

11. Makusoloko kuthathelwa ingqalelo esona sizathu siphambili sokuba abafundi besesikolweni nanini xa kusenziwa amalungiselelo eentlanganiso yaye ukungabikho kwabafundi esikolweni makulawulwe kangangoko kunako kungenzeki qho.

12. Kucelwa uthumele imibuzo kuMququzeleli we-*RCL* wesithili ochaphazelekayo:
    - *Metro East District*: Nks May-Joan Swartz , ifoni 021 900 7253
    - *Metro South District*: Nks Reginald Dreyer, ifoni 021 374 4107

- *Metro North District*: Mnu David Leonard, ifoni 021 938 3170
- *Metro Central District*: Nks Anusha Naidoo, ifoni 021 514 6700/6716
- *Cape Winelands District:* Mnu Fred Josias, ifoni 023 348 4600
- *West Coast District:* Mnu Tommy Loriston, ifoni 021 860 1200
- *Overberg District:* Mnu Mike Kobus, ifoni 028 214 7368
- *Eden and Central Karoo District:* Nks Sinovuyo Stofile, ifoni 044 803 8300/8315

13. Kucelwa wazise okukule setyhula nakulo mgaqo-sikhokelo uqhotyoshelweyo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-04-26

URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

ICandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko

UMGAQO-SIKHOKELO WE-*WCED* ONGOKUSEKWA KWEEFORAM ZAMABHUNGA AMELE ABAFUNDI (ii-*RCL*)

1. INTSHAYELELO

UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (i-*SASA*), ka-1996 (uMthetho 84 ka-1996), unika intatho-nxaxheba enkulu kubafundi ekusebenzeni kwesikolo ngokolawulo lwenkqubo yedemokhrasi. Zonke izikolo sikarhulumente ezibhalisa abafundi kwiBakala 8 maziseke amaBhunga aMele aBafundi (i-*RCL*). Oku kugxininisa imithetho-siseko ephambili yomgaqo-siseko yolawulo ngentsebenziswano nokuphatha okukhuthaza intatho-nxaxheba (*cooperative governance and participative management*). Umthetho i-*SASA* kwakhona ugxininisa uxanduva olubekwa ngumgaqo-siseko kwizikolo lokubandakanya abafundi ababini kwibhunga lolawulo. Oku kuya kunika abafundi indima esemthethweni yokuphembelela izigqibo.

Ngokwesicwangciso i-*Provincial Strategic Plan 2014-2019*, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) kunyanzelekile ukuba linike imfundo esemgangathweni ngokungqinelana nombono kaRhulumente weNtshona Koloni (*Western Cape Government*) (*WCG*) onenjongo yokudala ***"uluntu olunamathuba avulelekileyo kubantu bonke" apho wonke umntu—omncinci nomdala—anethuba neendlela zokuphucula ubomi bakhe kwanokuphumeza amaphupha akhe, kungakhathaliseki meko zokuzalwa kwabo (***"***open opportunity society for all" where every person— young and old— has the chance and the means to improve their lives and realise their dreams, regardless of the circumstances of their birth*).**

Injongo yesibini yesicwangciso i-*WCG Strategic Goal* isekelwe "**Ekuphuculeni umgangatho weziphumo zemfundo namathuba ophuhliso kulutsha**" ("***Improving education outcomes and opportunities for youth development"***). I-*WCG* izibandakanye kwinkqubo yothetha-thethwano ukwenzela ukuba kuvunyelwane ngezinto ezibekwa phambili ngokubaluleka ezikhethiweyo ezaziphawulwe njengezikhawulezisa iinguqu ii-"*Game Changers*" ezingaluthinteliyo ulutsha ezikolweni kunye nebhunga elisemthethweni elimele abafundi kwizikolo zikarhulumente. Umbono we-*WCG* ngowokuba ezi zinto zikhethiweyo zibekwa phambili ngokubaluleka zingabutshintsha kakhulu ubomi babantu kweli phondo.

Okwakalokunje, akukho bhunga lephondo likhoyo lokudala iqonga lee-*RCL* kunye ne-*WCED* ukuba bathetha-thethane ngemiba yezemfundo. Kuye kwakho isimbonono xa kwakuqhutywa uqeqesho lwee-*RCL* sokuba kusekwe iforam yephondo ngenjongo yokwabelana ngemiba ebadibanisayo, iinkqubo ezigqwesileyo (*best practices*) kwanohlenga-hlengiso lomgaqo-nkqubo. Eli qonga liya kunceda kwakhona i-*WCED* ekuthetha-thethaneni nabameli babafundi ngemiba ebadibanisayo ngokuchasene nokusebenzisa inkqubo yokuphendula kokwenzekayo (*reactive approach*).

2. UMGAQO-SIKHOKELO WOMTHETHO

- *The South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996)*
- *The Education Laws Amendment Act, 2001 (Act 57 of 2001)*

- *The Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)*
- *The Determination of the Functions and Procedures for the Establishment and Election of Representative Councils of Learners at Public Schools* njengoko yayipapashwe kwiGazethi yePhondo yeSikhawu 7317 yange-13 Oktobha 2014

Ngokungqinela nezilungiso kumhlathi 1, isiqendu 11(1), iSahluko 2 somthetho i-*SASA,* i-*RCL* mayisekwe kuzo zonke izikolo zikarhulumente ezibhalisa abafundi kwiBakala 8 nangaphezulu yaye elo bhunga lilo **kuphela** elivunyiweyo yaye libhunga elimele abafundi ngokusemthethweni kwisikolo eso.

ISiqendu 11 soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, ka-1997 (uMthetho 12 ka-1997), ubonelela ngokusekwa kwebhunga lemfundo lephondo elinjongo yalo ikukucebisa uMphathiswa wePhondo ngemiba yezemfundo yephondo. Eli bhunga lenziwa ngabantu basekuhlaleni abanyuliweyo nabatyunjiweyo (*appointed and elected*) ababandakanyekayo kwicandelo lezemfundo. Eli bhunga alimelanga mfuno zee-*RCL* njengeqela elithile koko limele imfundo ngokubanzi. Ngoko ke i-*WCED* yaqaphela imfuneko yeqela lokumela ii-*RCL* ngenjongo yokuthetha-thethana ngesikolo nezemfundo.

3. AMAGAMA NEEFORAM KUNYE NOBULUNGU

Makusekwe ezi foram zilandelayo — iiforam zee-*RCL* zeesekethe/zeeklasta, iiforam zee-*RCL* zezithili, iiforam zee-*RCL* ezidolophini/emaphandleni kwaneforam ye-*RCL* yephondo.

Igama elithi "foram" lisetyenziselwe ukuba lingabhidanisi eli bhunga nawo nawaphi amanye amabhunga abhalisiweyo okanye asemthethweni.

Iforam nganye iya kuba:

- NooMongameli ababini be-*RCL* nooNobhala ababini bezikolo zikarhulumente kwiBakala 8 nangaphezulu kwiPhondo leNtshona Koloni
- Igosa lesithili libe linye elityunjwe yiNtloko/nguMphathi wezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule (*Strategic Information*, *Governance and People Management*) (*SIGPM*) ukuququzelela ii-*RCL*
- AmaGosa oQhagamshelwano angooTitshala amabini (*Teacher Liaison Officers*) (*TLOs*) atyunjwe yiNtloko/nguMphathi we-*IMG* we-*SIGPM* wesekethe/weklasta
- Umququzeleli wee-*RCL* wephondo kwaNdlunkulu omnye
- Abaququzeleli bee-*RCL* abathathu besithili abatyunjwe nguMlawuli: woCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko (*Institutional Management and Governing Planning*) (*IMGP*)

4. INKQUBO YOKUSEKA IIFORAM

Ii-ofisi zezithili ziya kunceda ekusekeni iiforam zokuqala zethutyana ngolu hlobo lulandelayo:

- Kwintlanganiso yokuqala yeforam yesekethe/yeklasta, oomongameli **ababini** be-*RCL* noonobhala **ababini** be-*RCL* baya kunyulwa ukunika inkonzo kwiforam yesekethe/yeklasta.
- Kwintlanganiso yokuqala yeforam yesekethe/yeklasta, oomongameli **ababini** be-*RCL* noonobhala **ababini** be-*RCL* baya kunyulwa ukunika inkonzo kwiforam yesekethe/yeklasta.
- Kwintlanganiso yokuqala yeforam yasezidolophini/yasemaphandleni, oomongameli **ababini** be-*RCL* noonobhala **ababini** be-*RCL* baya kunyulwa ukunika inkonzo kwiforam yethutyana yasezidolophini/yasemaphandleni.
- Kwintlanganiso yokuqala yeforam yokuqala yephondo, oomongameli **ababini** be-*RCL* noonobhala **ababini** be-*RCL* baya kunyulwa ukunika inkonzo kwiforam yephondo.

5. INKQUBO YOTYUMBO NONYULO

Ii-ofisi zezithili ziya kulawula ukusekwa kwamanqanaba nenkqubo yonyulo.
Umququzeleli wee-*RCL* wesithili okwisithili ngasinye uya kwenza isigqibo ngemihla ekuya kuqhubeka ngayo inkqubo yotyumbo kunye nonyulo. Apho kuqhubeka khona unyulo, ezo nkqubo zovoto ziya kuba zezingathathi cala (*fair*) nezichanekileyo ngokomgaqo yaye zisuphavayizwe ngumququzeleli we-*RCL* wesithili okanye yi-*TLO* ekugqithiselwe kuyo amagunya.

5.1 Iforam yesekethe/yeklasta

Oomongameli nonoobhala bee-*RCL* bazo zonke izikolo zikarhulumente ezikwisekethe/ezikwiklasta baya kuba yinxalenye yeforam yesekethe/yeklasta.

5.2 Iforam yesithili

Kwintlanganiso yokuqala yeforam yesithili, kuya kunyulwa abameli ababini kwisekethe/kwiklasta nganye yisekethe/yiklasta ukunika inkonzo kwiforam yesithili.

5.3 Iforam yasezidolophini/yasemaphandleni

Kwintlanganiso yokuqala yeforam yasezidolophini/yasemaphandleni, kuya kunyulwa abameli ababini kwisithili ngasinye oko kusenziwa sisithili ukwenzela ukuba banike inkonzo kwiforam yasezidolophini/yasemaphandleni.

5.4 Iforam yephondo

Kwintlanganiso yephondo yokuqala, iforam yasezidolophini/yasemaphandleni nganye iya kunyula babe babini kubameli babo ukunika inkonzo kwiforam yephondo.

Zonke izithili mazimelwe kwiforam yephondo.

6. UKUNGQINISISWA KONYULO

Zisakuba nje zigqityiwe ukwenziwa iinkqubo zonyulo, namagama kwaneenkcukacha zabantu abanyuliweyo zifumanekile, iNtloko/uMphathi we-*IMG* we-*SIGPM* uya kungqinisisa ngokubhaliweyo ukunyulwa kwamalungu eforam yesithili.

Zisakuba nje zigqityiwe iinkqubo zonyulo namagama neenkcukacha zabantu abanyuliweyo zifumanekile, iNtloko yeSebe leMfundo iya kungqinisisa ngokubhaliweyo ukunyulwa kwamalungu kwiforam yephondo.

7. ITHUBA LOKUBA SESIKHUNDLENI

Umongameli nonobhala we-*RCL* baya kuhlala bengamalungu azo zonke izitraktsha ezilapha ngentla ukuba basengamalungu e-*RCL* kwisikolo sabo esichaphazelekayo.

Ithuba lokuba sesikhundleni kuwo onke amanqanaba ziinyanga eziyi-12 (ngunyaka o-1). Ubulungu beforam yesithili, yasezidolophini/yasemaphandleni neyamaphondo buya kuphela ngoJanuwari kunyaka ngamnye. NgoFebruwari kunyaka ngamnye, kuya kunyulwa amalungu amatsha kwiiforam zeesekethe/zeeklasta, zezithili, zasezidolophini/zasemaphandleni nakwiiforam zephondo.

Amalungu anokuphindwa anyulwe kwakhona okwesibini abe sesikhundleni kodwa akavumelekile ukunika inkonzo engaphezulu kwamathuba amabini kwii-*RCL* zezikolo zabo.

8. IZIKHUNDLA EZINGASENABANTU

- Ilungu elingasenako ukuthatha nxaxheba njengelungu leforam malazise iforam (iiforam) ngokubhaliweyo malunga nokuyeka kwalo.
- Apho kukho isikhundla esingenamntu, omnye ummeli osuka kwisekethe echaphazelekayo okanye kwiklasta/kwisithili/kwidolophu okanye emaphandleni makanyulwe ingadlulanga inyanga.
- Iinkqubo zokusebenza zeforam azisayi kuthathwa njengezingekho semthethweni ngenxa yokuba kukho isikhundla esingenamntu kwiforam.

9. IFORAM YE-*RCL* YEPHONDO

IForam ye-*RCL* yePhondo iya kuba ngunozala weeForam zee-*RCL* kwiphondo. Esi sitraktsha siya kumela ii-*RCL* kwinqanaba likazwelonke. Le foram iya kubhala umbono, umgaqo-siseko nomgaqo wokuziphatha wee-*RCL* kwiphondo.

10. ISTRAKTSHA

Iiforam ziya kunyula amagosa asezikhundleni amathandathu (6):

- UMongameli
- USekela Mongameli
- UNobhala
- USekela Nobhala
- UNondyebo
- IGosa loBudlelane loLuntu
- Amalungu ali-10 ongezelelweyo

Qaphela: Abantu abatyunjelwe ukunika inkonzo njengamagosa asezikhundleni mabavume ukutyunjwa kuqala phambi kokuba luqhube unyulo.

Upapasho lweziphumo zonyulo luya kwenziwa bekho bonke abameli kuqukwa nabatyunjwa.

11. IMIGAQO YEENKQUBO ZOKUSEBENZA KWEFORAM YEPHONDO

Kwintlanganiso yokuqala yeforam, iforam iya kubhala imigaqo engenkqubo emayilandelwe kwiintlanganiso zayo, kuqukwa namalungiselelo eentlanganiso, imizuzu, umgaqo wokuziphatha nawo nawuphi omnye umba othathwa njengoyimfuneko ukuze le foram isebenze ngokusemgaqweni.

12. UKUQHUTYWA KWEENTLANGANISO

Kuya kucwangciswa iintlanganiso zaseburhulumenteni zibe ne qho ngonyaka ngeenjongo zothetha-thethwano nantlanganiso leyo yokuqala kufuneka isetyenziselwe ukungeniswa ngokusesikweni kwisikhundla (*induction*) kwanokwenza ikhalenda yemisebenzi yonyaka.

Unobhala weforam nganye uya kukhuphela isaziso sentlanganiso esibhaliweyo amalungu kwiintsuku eziyi-14 phambi kokuba ihlale intlanganiso.

Iintlanganiso zeforam yephondo kuya kukhethwa ukuba zihlale ngemiGqibelo phakathi ko-10:00-15:00, ukunika ithuba amalungu asuka kwizithili zasemaphandleni ukuba aye ezintlanganisweni.

Intlanganiso yokuqala yeforam esandula ukunyulwa kumanqanaba ahlukeneyo iya kuhlalelwa ligosa le*WCED* ukunyula isigqeba solawulo.

13. INDLELA YOKUSEBENZA KWEKHORAM

Ikhoram evumela ukuba iqhutywe ngokusemgaqweni intlanganiso iya kuba ngu-50+1 wamalungu anyuliweyo eforam.

14. IMISEBENZI YEEFORAM

Iiforam zenzelwe iinjongo zokuqhuba uthetha-thethwano. Akusayi kwamkelwa kumelwa ngokwemibutho yezopolitiko okanye kuzinxulumanisa nemibutho yezopolitiko okucetyiweyo okanye ii-ajenda ezilolo hlobo.

Ezi foram kufuneka:

- ziqhube uthetha-thethwano zikwacebisa abafundi ngemiba yezemfundo;
- zabelane ngengcaciso kwaneembono ngezemfundo nezolawulo:
- zisebenzisane ngawo nawuphi umba ongemfundo esemgangathweni nokufunda ezikolweni;
- zinike ingxelo kwiiforam zezithili nezeesekethe/zeeklasta;
- zithetha-thethane yaye zabelane ngeenkqubo ezigqwesileyo ngendlela abafundi abaziphethe ngayo kwanemigaqo yokuziphatha ; yaye
- zithetha-thethane ngokwenziwa kwenkonzo nangezinto zokusebenza (*resources*) ukwenzela kuxhamle imfundo yabo bonke abafundi.

15. IINDAWO EKUYA KUQHUTYELWA KUZO IINTLANGANISO

Iiforam zeesekethe/zeeklasta, zezithili, ezasezidolophini/ezasemaphandleni kwanezephondo ziya kukhetha iindawo ezifanelekileyo ekuya kuqhutyelwa kuzo iintlanganiso, ezifikeleleka kuwo onke amalungu kangangoko kunako—kuthathelwa ingqalelo iindleko zothutho kwanokugcina inkcitho yesebe isezantsi kangangoko kunako. Kuya kukhetheka amaziko asimahla, o.k.t. isikolo okanye amaziko ezithili.

Umququzeleli we*RCL* wephondo we*WCED* uya kufumana indawo yokuqhubela intlanganiso yokuqala qho ngonyaka.

16. INKXASO NGEZEMALI

UNdlunkulu we*WCED* uya kuxhasa ngemali iintlanganiso ezine ezisemthethweni zasezidolophini/zasemaphandleni nezephondo ngeenjongo zothetha-thethwano qho ngonyaka.

Ii-ofisi zezithili ziya kuxhasa ngemali iintlanganiso ezine ezisemthethweni zeesekethe/zeeklasta nezezithili ngeenjongo zokuqhuba uthetha-thethwano qho ngonyaka.

17. UKUNIKWA INKXASO YEZOLAWULO

UNdlunkulu we*WCED* uya kukhupha igosa lezolawulo ekudluliselwe kulo amagunya ukuba liye kwiforam yephondo. Eli gosa liya kudlala indima njengonobhala weforam,

kwanokwenza imisebenzi yezolawulo kwanokusingatha iinkqubo zentlawulo apho kuyimfuneko, o.k.t. amaxwebhu/ii-imeyili, ukuthumela ngefeksi, njl. njl.

18. INDAWO YOKULALA

Kwiimeko apho amalungu eforam ahamba imigama emide yaye efuna indawo yokulala ubusuku obunye, makwenziwe amalungiselelo ligosa elisingathe amabango (*claims official*). Makuthintelwe ukulala kangangoko kunako. Nakuba kunjalo, xa ukulala kuyimfuneko, okungaphezulu kunokwenziwa ibango lezidlo ezi-2 ze-R150,00 umntu ngamnye ngentlanganiso nganye.

19. IZIDLWANA NEZIPHUNGO

I-*WCED* iya kukhupha izidlwana neziselo (*light refreshments*) kwiintlanganiso zeeforam zezithili nezephondo. Ukuba ezinye iiforam okanye izithili zinqwenela ukwenjenjalo, zingenza amalungiselelo ongezelelweyo ezidlwana neziphungo yaye bazihlawulele bona ubuqu. Kwiimeko apho amalungu ahamba imigama emide ukuya kwintlanganiso yesithili okanye yephondo, si-1 kuphela isidlo esongezelelweyo, esingadlulanga kwi-R79,98 ngentloko nganye, ekunokwenziwa amabango ngaso ngomntu ngamnye, kwintlanganiso nganye.

20. UKWENZIWA KWEZICELO ZAMABANGO

Ii-*TLO* ezihamba nabafundi zinokwenza amabango eendleko zohambo lwabo. Ingcaciso ngamabango iya kufumaneka kwigosa leforam ekudluliselwe kulo amagunya/kwigosa elisingatha amabango kwizithili okanye kwaNdlunkulu. Onke amabango eendleko zohambo makangeniswe kwigosa leforam lokusingatha amabango, lona liya kuqinisekisa ngokuchaneka kwesicelo sebango elo yaye liqwalasele ukuba sihlawulwe isicelo sebango elo. I-*WCED* inelungelo lokungavumi ukukhupha intlawulo ngaso nasiphi isicelo sebango esithathwa njengesingagunyaziswanga, esigqithisileyo okanye ngayo nayiphi inkcitho engeyomfuneko.